Isalathiso: 20201208-206
Inombolo yefayili: 13/1/2/1
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0021/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

ISihloko: Ukubhalwa kwakhona kwe-*Mathematics Paper 2* ne-*Physical Sciences Paper 2*

1. UMphathiswa weMfundo esiSiseko ubhengeze ngoLwesihlanu we-04 Disemba 2020, ukuba amaphepha amabini oviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke aya kubhalwa kwakhona emva kophando olungokupapashwa kwawo zingekabhalwa iimviwo ze-*Mathematics Paper 2* ne-*Physical Sciences Paper 2*.

2. ISebe leMfundo esiSiseko likhuphe isetyhula ngalo mba (***Annexure A***).

3. Oku kubhalwa kwakhona kwamaphepha kuya kufuna ukuba inqununu/umphathi weziko lokubhalela uviwo, abagadi babaviwa, abagadi babaviwa abaneqhuzu nabagadi babaviwa babekho kumaziko okubhalela uviwo ukulungiselela ukubhalisa iimviwo nokuqinisekisa ukunikezelwa kwazo zonke iincwadi zeempendulo kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED).

4. Ukubhalwa kwakhona kwala maphepha kucwangciswe ngolu hlobo lulandelayo:

Isifundo	**Umhla**	**Ixesha**
I-*Mathematics Paper 2*	ULwesibini, 15 Disemba 2020	14:00–17:00
I-*Physical Sciences Paper 2*	ULwesine, 17 Disemba 2020	09:00–12:00
Makuqatshelwe: Abo baviwa bakufaneleyo ukubhala kwakhona i-*Computer Applications Technology Paper 1* okanye *i-Information Technology Paper 1* baya kubhala		

kwakhona ngoLwesine, nge-17 Disemba 2020 ukususela ngo-14:00–17:00. Abaviwa abakufaneleyo ukubhala kwakhona baya kwaziswa ngabanye ngabanye liCandelo loLawulo lweeMviwo.

5. **Iileta zokwamkelwa eluviweni *(admission letters)***

5.1 Amaziko okubhalela uviwo aya kufumana iileta zokwamkelwa eluviweni zabo bonke abaviwa ekufuneka bebhale i-*Mathematics Paper 2* kunye/okanye i-*Physical Sciences Paper 2* engadlulanga uLwesithathu we-09 Disemba 2020. Ziyacelwa linqununu/abaphathi bamaziko okubhalela uviwo ukuba banike abaviwa abachaphazelekayo iileta zokwamkelwa eluviweni.

5.2 Abaviwa mababhale kumaziko okubhalela uviwo apho babebhale khona ngaphambili ngokweeleta zokwamkelwa eluviweni zangaphambili.

5.3 Bayacelwa abaviwa ukuba basebenzise izitikha ezinebhakhowudi ezifanayo *(barcoded stickers*) abazifumanayo ekuqaleni kweemviwo zangoNovemba 2020.

6. **Ukugadwa kwabaviwa nokubekwa esweni kokubhalwa kwakhona kwamaphepha oviwo**

6.1 linqununu/abaphathi bamaziko okubhalela uviwo mabaqinisekise ukuba ezi mviwo ziyagadwa ngokomgaqo-nkqubo weSebe i-WCED (umlinganiselo wenani (*ratio*) ka-50:50 wootitshala namalungu asekuhlaleni).

6.2 Amabango abagadi babaviwa basekuhlaleni makangeniswe kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ngokukhawuleza emva koviwo lokugqibela.

6.3 Kucelwa ukuba izithili zikubeke esweni ukubhalwa kwakhona kwemviwo ze-*Mathematics Paper 2* ne-*Physical Sciences Paper 2*.

7. **Ukuhanjiswa kwamaphepha emibuzo nokuthathwa kweencwadi zeempendulo**

7.1 Amaphepha emibuzo aya kusiwa kumaziko okubhalela uviwo ngokwemigaqo eqhelekileyo yokuziswa kwamaphepha. linqununu/abaphathi bamaziko okubhalela uviwo mabalandele yonke imiqathango ukuqinisekisa ukhuseleko lwamaphepha eemviwo.

7.2 linqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo mabasebenzise izinto zokubhala uviwo neencwadi zeempendulo ezikhoyo ngoku ukubhalisa iiseshoni ezibhalwayo kwakhona. Kucelwa niqhagamshelane necandelo loviwo kwangaphambili ukuba nicingela ukuba kungakho ukushota kwezinto zokubhala nokuba zeziphi na okanye ukuba nifuna iincwadi zeempendulo ezongezelelweyo.

7.3 Iphepha lemibuzo le-*Mathematics Paper 2* liya kuphendulwa kwincwadi yeempendulo elungiselelwe oko neya kunikwa abaviwa kunye nephepha lemibuzo.

7.4 Zonke iincwadi zeempendulo ziya kuthathwa ngowe-15 nowe-17 Disemba 2020. Ayacelwa amagosa ezithili ukuba aqinisekise ukuba amaziko okubhalela iimviwo azingenisile ZONKE iincwadi zeempendulo kwiSebe i-WCED. Ukuqokelelwa nokuthathwa kokugqibela kwazo zonke izinto zokubhalwa kweemviwo *(final sweep*) makwenziwe yinqununu/ngamaziko okubhalela uviwo yaye uxwebhu lokuzibuyisa *(return document*) MALUSAYINWE yinqununu/ngumphathi weziko lokubhalela uviwo kunye nelinye ilungu labaphathi abaphezulu.

7.5 Ukuba kufunyansiwe ukuba inqununu/umphathi weziko lokubhalela uviwo akazingenisanga zonke iincwadi zeempendulo kwiSebe iWCED ungadlulanga owe-17 Disemba 2020, iSebe iWCED liya kuthatha amanyathelo oluleko okujongana nokungathotyelwa kwemigaqo.

8. ISebe i*WCED* linqwenelela iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela uviwo impumelelo ekubhalweni kwakhona kweemviwo. ISebe iWCED lenza umbulelo ongazenzisiyo kuzo zonke iinqununu/kubo bonke abaphathi bamaziko okubhalela uviwo ngenkxaso yabo nangentsebenziswano ngala maxesha obunzima.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2020-12-08